Isifundo 2

**Julayi 6–12*

Isicwangciso Sezwe Elingcono



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Eks. 3:7, Mat. 22:37–40, Eks. 22:21–23, Dut. 14:22–29, 26:1–11, Lev. 25:9–23.

Indima Yenkumbulo:
"Uze ungaphindezeli; uze ungabi nanqala koonyana babantu bakowenu; uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako; ndinguYehova" *(Levitikus 19:18).*

Ngenceba yaKhe, uThixo usoloko enabantu agcine abo ulwalamano olulodwa. Kumabali kaEnoki, Nowa, Abraham, Isake, noYakobi-phakathi kwamanye-sibona uThixo elangazelela ukwakha ngokutsha ulwalamano olwaphukileyo nabantu. Phofu oku kwakungazi kulungela kuphela le mbinana yabantu neentsapho zabo. Xa babeqhagamshelene noThixo besikelelwa nguYe, yayiyinxalenye yecebo elikhulu lokulungisa ulwalamano okwabela abanye ngentsikelelo. Njengoko uThixo watshoyo kuAbraham, "Ndiya kukwenza uhlanga olukhulu, ndikusikelele, ndilikhulise igama lakho, ube yintsikelelo; . . . zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi" (Gen. 12:2, 3, NIV). Njengoko wayesikelelwe, wayenokuba yintsikelelo kwabanye.

Le ntsikelelo yayiza kuza ngohlanga lwakwaIsrayeli, kuthi ekugqibeleni, uMesiya, aphume kolo hlanga. Ngokudalwa kwabantu bakwaIsrayeli, uThixo wayesebenza ngoku nohlanga lonke. Ngoko, wasebenza ukubanika imiqathango, isikhumbuzo, nokwenza okwakuya kuba yindlela yokuphila ukuze abo babesikelelwe nguThixo nabo bakwazi ukusikelela abanye. Ngaphandle kwamathandabuzo lo mthetho-siseko usekho nanamhla.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 13.*

UThixo Ovayo

“Ndizibonile okunene iintsizi zabantu bam abaseYiputa, nokukhala kwabo ndikuvile, ngenxa yabo babaqhuba kalukhuni; ngoko ndiyakhathazeka ngenxa yokubulaleka kwabo” (Eks. 3:7, NIV). Amakhulu amane eminyaka lixesha elide lokulinda, ngakumbi xa kulindwe kwiimeko zobukhoboka eziya zikhula ngobungqongqo. UThixo wayethembise ukuba uya kubuyela kubantu baKhe abakhuphe eYiputa, kodwa, isizukulwana emva kwesinye, bayekwa ukuba bakhe ubutyebi nobuhle babacinezeli babo ababenqula izithixo, abe uThixo engathi uthe cwaka lonke elo xesha.

Emva koko uThixo wazibonakalalisa ngendlela eyodwa. Wavela kwityholo elivuthayo kwintlango ekude kwinkokeli engalindelekanga, inkosana eyimbacu, umalusi othobekileyo ogama linguMoses. Wamnika uMoses onentandabuzo umsebenzi amakawenze, yaye indawo yokuqala yaloo msebenzi ikukubuyela kumaIsrayeli eYiputa nesigidimi sokuba uThixo ukuvile ekubonile ukucinezelwa kwabo-waye, kunjalo, wayekhathala. Kanti ke, wayekufuphi ekwenzeni inguqulelo ebonakala iza ngamandla kwimeko yawo.

Funda: Eksodus 3:16, 17. Kwakubaluleke ngantoni ukuba uThixo aqale ngokulandlala icebo laKhe kwaba bantu ngesi sigidimi sitsolileyo? Yintoni etsala ingqondo yakho kule ntetho kaThixo?

UThixo akaphelelanga apho. Akanelanga nje ukuba necebo lelizwe elingcono, akabamisele abantu ukuba baphuncuke kwimbandezelo yaseYiputa. Kumakhulu amane eminyaka, baba negalelo kwindyebo yobukumkani baseYiputa. UThixo wakubona ukuxhathisa kwasekuqaleni kukaFaro, kodwa wamqinisekisa uMoses ukuba amaIsrayeli aya kubuyekezwa ngeminyaka yokusebenza nzima kwawo: “Ndiya kuwenza amaYiputa abe nemfesane ngakwaba bantu, ukuze xa nihamba ningemki ningaphethe nto” (Eks. 3:21, NIV). Emva kweminyaka yengcinezelo, uThixo wathabatha ithuba lokumisela uhlobo olutsha lwabahlali ngaba babefudula bengamakhoboka. Wayefuna ukuba baphile ngendlela eyahlukileyo nokuba bamise abahlali ababeya kuqhubeka nokuxhaseka nokuba nezinto. Icebo laKhe yayilelokuba olu hlobo lutsha lwabahlali luya kuba ngumzekelo kwizizwe ezingqongileyo luze luthi, njengoAbraham, iintsikelelo oluzifumanayo zivela kuThixo nazo zisikelele umhlaba wonke.

Kubaluleke njani kuwe ukuba uThixo enguThixo obona ukubulaleka kwabantu emhlabeni akuve ukukhalela kwabo uncedo? Ikuxelela ntoni le nto ngoThixo? Qaphela uEks. 4:31.

Imithetho Elishumi

Funda: Mateyu 22:37–40, noEksodus 20:1–17. Isishwankathelo sikaYesu semithetho sikunceda njani ukuba uwuqonde umthetho ngamnye owufundayo kwimiThetho eliShumi?

ImiThetho eliShumi ifundeka njengomgaqo. Emva kwentshayelelo emfutshane enika isiseko ekwakhelwe kuso ezi ntetho-apha ke, ukuhlangula kukaThixo abantu baKhe-uxwebhu lunika uludwe lwemithetho-siseko ekwakhelwe phezu kwayo isizwe. Apha, kwakukho imiyalelo eyodwa ngendlela abantu ababeza kukwazi ukubonakalalisa ukumthanda kwabo uThixo nokuthandana bona omnye nomnye. Akumangalisi ukuba izizwe ezininzi ezinomnombo ohlangene nobuKristu zithe zamisa iziseko zemithetho yazo ngokukhokelwa yile mithetho-siseko. Nangona uninzi lwezi ntetho lulufutshane, akufuneki sibujongele phantsi ububanzi begalelo nokuphelela kwemiThetho eliShumi njengomthetho wobomi. Umzekelo, umthetho wesithandathu, "Akuyi kubulala" (Eks. 20:13, NIV), ushwankathela uquke "zonke izenzo zokuswela ubulungisa ezinento nokucutha ubomi" kwakunye "[no]moya wokuzithanda owenza ukuba bangakhathalelwa abasweleyo okanye ababulalekayo."—*Amanyange Nabaprofeti*, iph. 300. Ngokukwanjalo, uyakwalelwa ubusela (jonga uEks. 20:15), ugwebe "ukushishina ngamakhoboka, ubuye walele neemfazwe zenzuzo."

"Ufuna nokuhlawula ngokufanelekileyo kwamatyala okanye imivuzo," kwakunye nokwalela "konke ukuzama ukufumana inzuzo ngokusebenzisa ukungazi, ubuthakathaka, okanye ilishwa lomnye umntu."—Amanyange Nabaprofeti, iph. 300. Singazixelela lula ukuba singabo abantu ababi. Umzekelo, ukuba asibandakanyeki ngqo ekubulaleni okanye kukuba okucacileyo, singaba ngathi silungile. Kanti ke, xa uYesu ethetha ngemithetho, wakucacisa ukuba imithetho ayizalisekiswa kuphela ngokungasenzi isenzo esithile. Endaweni yoko, iingcinga zethu, iinjongo, nokusilela ukwenza izinto esaziyo ukuba sinyanzelekile ukuba sizenze kunokuwaphula umthetho kaThixo (jonga uMat. 5:21–30). Ngoko ke, yiba nomfanekiso ngqondweni wendawo apho umthetho ngamnye kule miThetho eliShumi uthatyathwa ngqongqo uphilwe ngokupheleleyo. Ibingaba yindawo esebenzayo, enobomi apho wonke umntu athi, ngomdla, asebenze, ukuthanda nokukhathalelana eqhutywa kukuthanda kwakhe uThixo,.

Yintoni eyenza ukuba siyifunde imiThetho eliShumi ngendlelana "ebona kancinane," sikholise ukukutyeshela ukwenza ngokubanzi le mithetho-siseko ibalulekileyo ebomini bethu? Yintoni eyenza ukuba oku kufunda kucutheneyo kube lula ukukulandela ekwenzeni?

Lwesibini

Julayi 9

Amakhoboka, abahlolokazi, Iinkedama, Abasemzini

Funda: Eksodus 23:9. Sithini isigidimi sikaThixo kuIsrayeli apha?

Njengamakhoboka asanda kukhululwa, amaIsrayeli ayesazi ukuba kukuthini ukucinezelwa, ukuxhatshazwa, nokubekelwa ecaleni. Athi ngexesha evuyela inkululeko yawo, uThixo wabanexhala ngelithi hleze angalibala apho avela khona, nokuba kunjani ukuchwethelwa bucala, kwanoko wakwenzayo ukuwahlangula. Wamisela iPasika ukuze ibe sisiganeko esisikhumbuzo nethuba lokulibalisa ngokutsha ibali: "UYehova wasikhupha eYiputa, endlwini yobukhoboka, ngesithe nkqi isandla" (Eks. 13:14).

Funda: Eksodus 22:21–23. Yayibaluleke njani inkumbulo yobabo ubukhoboka kwimfundiso ngendlela abantu abafanele ukuphatha ngayo abangena nto ekuhlaleni kwabo okutsha?

Kwakungekapheli nolwandile lokunikwa kwemiThetho eliShumi xa uMoses wabizwa ukuba achithe elinye ixesha noThixo, owamnika iinkcukacha ngendlela le miyalelo ibalulekileyo emele ukugcinwa ngayo ekuhlaleni kukaIsrayeli. Kwangaphambi kwemiyalelo yokwakhiwa komnquba, uThixo wanika izahluko ezithathu zomthetho ngezinto ezinjengokuphathwa kakuhle kwamakhoboka, imithetho eyayiya kuma yahluke ngokucace kakhulu kwimpatho amaIsrayeli amaninzi ayeyifumene. Yayikho imithetho ejongene nolwaphulo-mthetho olunobungozi, imithetho ehambelana nempahla, imithetho yokuphila imihla ngemihla, nemithetho-siseko yokumiselwa kweenkundla ezijongene nokugcinwa kwayo le mithetho nokuqhutywa kobulungisa bomthetho (jonga kuEksodus 21 ukuya kuma-23). Phambili kule mithetho, yayikukukhathalela abazalwana abangabemi kulo mphakathi mtsha, kunye nokukhathala ngabasemzini kwanabo bangamaxhoba alula enkohlakalo. Aba bantu kwakungafuneki ukuba baxhatshazwe; babede banikwe amalungelo okufikelela ekudleni ngeendlela ezaziza kwenzela ukuba sihlonitshwe isidima sabo, njengokukhwahlaza kwiintsimi ezivuniweyo. Impatho enjalo kwaba"ngaphandle" nabasemzini" yayingento iqhelekileyo kwihlabathi lakudala. Nanamhlanje abanye bayayilibala imithetho-siseko ebalulekileyo ejongene nendlela yokuziphatha efumaneka apha ngokubhekiselele ekuphatheni abanye.

Kwawakho amava, yeyiphi inkumbulo ekwenza ube nemfesane nenkathalo ngabanye okanye ngenkohlakalo yabanye?

Ukukhupha Isishumi Sesibini

AmaKristu amaninzi ayazazi aye ezilandela iimfundiso zeBhayibhile ezingokuhlawulwa-okanye ukubuyiswa-kwesishumi. Kukholiswa ukwakhela phezu kukaMalaki 3:10, yindlela elula, apho amakholwa anikela iipesenti ezili-10 zengeniso yawo-okanye "yengeniso"-ukuxhasa umsebenzi webandla ekusasazeni igospile. Kuba egciniswe ezi zishumi, amabandla aye abe nezikhokelo ezingqongqo ngendlela yokuzisebenzisa ezi mali, zisetyenziswa ukuxhasa isifundisi novangelo.

Funda: Duteronomi 14:22–29. Kule miyalelo, yeyiphi eyona njongo iphambili yokubuyiswa kwesishumi?

_____

_____

Isihendo kukucinga ukuba sikuzalisekisile ukunikela kwethu xa sinikele i-10 leepesenti. Yona imiyalelo eyanikwa amaIsrayei inika into ethi inani le-10 leepesenti laliyindawo yokuqalela. Izifundo zinika into ethi umIsrayeli wakudala ophila nonikela ngokwezikhokelo ezikwimithetho yeLevitikus wayesakuthi rhoqo anikele phakathi kwekota nengxenye yesithathu yengeniso yomnyaka emsebenzini kaThixo, ukuxhasa ababingeleli nengcwele, kunye nokunceda amahlwempu. Ezinye izifundiswa zikuchaza oku kunikela-ngakumbi ukuxhasa abasemzini, iinkedama, nabahlolokazi-njengesishumi sesibini.

Kucacile ukuba abantu babeza kuzonwabela iziphumo zomsebenzi wabo baze benze iminyhadala yovuyo ngenxa yezivuno zabo. UThixo wathembisa ngokubasikelela, ngakumbi kumhlaba wabo omtsha, kodwa bangayiboni intsikelelo leyo njengento abamelwe ukuyinikwa okanye babalibale abo babengenantsikelelo kangako. Ngeminyaka elungeleleneyo, le nxalenye yesivuno kwakufuneka iziswe engcweleni kwabelwane ngayo apho. Rhoqo ngomnyaka wesithathu, kwakubakho ukuqwalasela okukhethekileyo ekwabelwaneni ngeentsikelelo zabo nabantu kwiindawo abahlala kuzo. Kule migubho yovuyo, kwakuqwalaselwe nendlela eyodwa kwabo babengahoywanga okanye belityelwe: "Uya kusinika umLevi, nomphambukeli, inkedama nomhlolokazi, ukuze batye kwiindawo zenu bahluthe" abahlolokazi, (Dut. 26:12, NIV). Ngokwemiyalelo kaThixo, noko enye inxalenye yokunikela kwamaIsrayeli kwakufuneka kunike uncedo lwemali nolokusebenza kwabo babeludinga kakhulu. Kwakhona, oku kwakuxhomekeke kwinkumbulo yabantu nokuba nombulelo ngendlela uThixo athe wanenceba walunga ngayo kubo.

Funda: Duteronomi 26:1–11. Uthini uYehova kubo? Singakusebenzisa njani oku kweyethu ingqondo [okanye umoya] ngokubhekiselele ekunikeleni kwabo banentswelo?

_____

Umnyaka Wentlokoma

Ukuhlangabezana namaIsrayeli njengabantu ababengenalo ikhaya labo nabalindele ukufika eZweni leDinga, uThixo wayesazi ukuba ukubaluleka komhlaba kuya kuqala xa besakha amakhaya beluhlanga eKanan. Phantsi kwenkokelo kaYoshuwa, uThixo wongamela ulwabiwo lomhlaba olunocwangco zizizwe neentsapho ngamaqela azo.

Wayesazi kodwa ukuba ekuhambeni kwexesha ubutyebi, amathuba, nezinto ezazihlangene nokuba nomhlaba zaziza kuba sezandleni ezimbalwa. Iingxaki zeentsapho, ukwaphuka kwempilo, ukungakwazi ukukhetha, nokunye okungahambi kakuhle, kwakuya kwenza ukuba abanikwe imihlaba bayithengise imihlaba yabo ukuba bazuze ingeniso yexeshana okanye bakwazi ukuba nje baphile, kodwa oku kwakuza kwenza usapho lungabi nawo umhlaba kuqengqeleke izizukulwana. Isisombululo sikaThixo saba kukuwisa umthetho wokuba umhlaba ungaze uthengiswe ngokupheleleyo. Endaweni yoko, umhlaba wawuza kuba ngothengisiweyo kude kufike "umnyaka wentlokoma" elandelayo, ixesha umhlaba owawuza kubuyela kusapho olwaluwunikwe ekuqaleni. Kanti ke, wonke umhlaba othengisiweyo wawunako ukuhlangulwa ngumthengisi wawo okanye elinye ilungu losapho lwakhe nangaliphi ixesha. Kwakhona, uThixo ukhumbuza abantu ngolwalamano naYe nendlela oluthi luchukumise ulwalamano nabanye: "Umhlaba kungaze kuthengiswe ngawo isigxina, kuba umhlaba ngowam nina nihleli kuwo njengabaphambukeli nabasemzini" (Lev. 25:23, NIV).

Funda: Levitikus 25:8–23. Ucinga ukuba imo yokuhlala yayiya kwahluka njani ukuba le mithetho-siseko yayilandelwe, ngakumbi amazwi athi, "Anisayi kucinezelana omnye nomnye [ningabandezelani]"?

"Imiqathango awayimisayo uThixo yayilungiselwe ukukhulisa ukulingana ekuhlaleni. Imisindleko yomnyaka wophumlo nentlokoma yayiza kuthi, ngendlela emangalisayo, ilungise oko kuthe, apha ekuhambeni kwexesha, konakala ekuhlaleni nasekulawulweni kwendyebo yesizwe."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti* , iph. 534. Ababhali bembali yeBhayibhile abaqinisekanga nokuba ezi zingqi zendyebo nasekuhlaleni zalandelwa ngokupheleleyo na okwexesha elininzi (jonga ku-2 IziKron. 36:21). Naxa kunjalo, le migaqo ikrobisa ngendlela emangalisayo kwindlela ihlabathi ebelingasebenza ngayo ukuba imithetho kaThixo yayilandelwe ngokupheleleyo. Ngapha koko, ibonisa inkathalo eyodwa kaThixo ngokubonakalaliswa kokuhle ngeendlela eziphathekayo ezweni lethu.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Umthetho Unikelwa KuIsrayeli," amaph. 303–314; "Ukukhathalela KukaThixo Amahlwempu," amaph. 530–536, in *Amanyange Nabaprofeti* . "Ayikho into, emva kokuba kwamkelwe amabango kaThixo, ebalula kakhulu imithetho eyayinikwe nguMoses ngaphezu komoya wobubele okhululekileyo nonothando oboniswa ngakumahlwempu. Nangona uThixo wayethembise ukubasikelela kakhulu abantu baKhe, yayingelilo icebo lakhe ukuba ukuhlupheka kungaze kwaziwe phakathi kwabo. Wavakalisa ukuba amahlwempu awasayi kunqamka elizweni. Kuya kuhlala kukho phakathi kwabantu baKhe abo baya kwenza ukuba basebenzise uvelwano lwabo, uthando nobubele. Ngelo xesha, njengangoku, abantu babephantsi kweemeko ezimbi, ukugula, nokulahlekelwa yimihlaba nezinto zabo; ukanti, lonke ixesha besalandela umyalelo onikwa nguThixo, kwakungayi kubakho bangqibi phakathi kwabo, kungabikho nothi aswele into edliwayo."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti* , amaph. 531, 532. "Le miqathango yayilungiselelwe ukusikelela abazizityebi kwanjengabo bangamahlwempu. Yayiza kuthintela ukubawela ubutyebi, nokubasesichengeni sokuziphakamisa, ize ikhulise umoya ohloniphekileyo wobubele; kuthi, nangokukhuthaza umoya omhle phakathi kwazo zonke iindidi, ikhuthaze ucwangco ekuhlaleni, nokuzinza elulawulweni. Sisonke sisontwe sayingubo enye yoluntu, khon' ukuze, nokuba yintoni esinokuyenza ukunceda nokuphakamisa abanye, ibe kwayintsikelelo nakuthi. Khon' ukuze, nokuba yintoni esinokuyenza ukunceda nokuphakamisa abanye, ibe kwayintsikelelo nakuthi." Iphepha 536.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ngokwesicwangciso uThixo awasinika uMoses namaIsrayeli sohlobo lokuhlala ababeza kukumisela, zeziphi iimpawu, umthetho okanye umgaqo, onomtsalane kakhulu kuwe (nokuba ukhankanywe ngqo kwisifundo sale veki okanye ekufundeni kwakho nje ngokubanzi)?

2. Kwimithetho uThixo awayinika abantu baKhe, ucinga ukuba kutheni lento ekhangeleka eqwalasele kakhulukazi kwabanokuba ngamaxhoba ngokulula?

3. Simele ukuba siyiqonde njani, siyamkele njani le mithetho namhlanje? Sikhetha njani ukuba yeyiphi kule esebenzayo nefanelekileyo kuthi namhlanje? Yeyiphi eyona nto ibalulekileyo esinokuyifunda kule miyalelo ecakaciweyo yendlela amaIsrayeli ekwakufuneka emise ngayo ukuhlala kwawo kunye nobomi bawo?

Isishwankathelo:

UThixo waziva izikhalo zokubulaleka kwabantu bakwaIsrayeli eYiputa waza wangenelela ukuba abahlangule. Wazama ukwakha umnqophiso wobudlelane nabo nokusebenza nabo ukumisela intlalo entsha eyayiza kuba yintsikelelo kubo bonke, kanye nabo bahlala belityalwa, babekelwe bucala nabangamaxhoba alula.